# Ungathanda ukufumana amava okusebenza kuRhulumente?

## Ukuba kunjalo musa ukujonga kude!

Iprojekthi iPAY iza kubonelela ngomsebenzi nangoqeqesho abo bafunda iBanga leshumi ukusukela ngo-2014 ukusukela ngomhla wesi-7 kwekaTshazimpuzi 2015 kude kube ngumhla wama-31 kweyoKwindla 2016. Oku kungakhokelela kwithuba lokufumana ibhasari yokuba uqhubeke ngokufundela oko ukufunayo okanye unomdla kuko!



Yenza isicelo sokufumana inkqubo yethu kwaye singakwenza ukufumana kwakho amava okusebenza kuRhulumente **SIBAMBISENE NGAMANDLA.**

Western Cape Government

BETTER TOGETHER.

# Ingaba nguwe lo?

- Usibhalile kwaye wasiphumelela iSatifiketi seBanga leShumi (iNSC) ngo-2014 eNtshona Koloni
- Awuzuqhubeka ngokufunda ngo-2015
- Ungummi waseMzantsi Afrika, ohlala eNtshona Koloni
- Unabantu obaziyo abanokukucebisa okanye bakuxhase ukuze ukhethe elona khondo lichanekileyo onokulilandela lenkqubela-phambili
- Ubophelelekile ngokwasemalini
- Uphakathi kweminyaka yobudala eli-18 nama-24

Ukuba impendulo yakho ngu-"EWE" kuko konke oku kungasentla, ngako ke ikufanele projekthi iPAY!

**Kuza kunikezelwa ngoqeqesho lwasemsebenzini kula masebe alandelayo:**

1. ISebe leNkulumbuso
2. ISebe lezoLimo
3. ISebe loKhuseleko loLuntu
4. ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
5. ISebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho
6. ISebe leMicimbi yokusiNgqongileyo noCwangciso loPhuhliso
7. ISebe lezeMpilo
8. ISebe lokuHlaliswa koLuntu
9. ISebe Rhulumente weNgingqi
10. UNondyebo wePhondo
11. ISebe loPhuhliso loLuntu
12. ISebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu
13. ISebe lezeMfundo leNtshona Koloni (iWCED)

## Yenza kwenzeke:

- Gcwalisa ifomu kwi-intanethi ku-: http://www.westerncape.gov.za/jobs (izicelo ziza kuvula ngoLwesithathu, 7 kweyoMqungu 2015).
- Qhoboshela ikopi yeziphumo zakho zebanga leshumi.
- Yiza uzilungiselele uzokubhala ingxelo emfutshane ephathelene nezakhono zakho ezingundoqo kunye noko ukwaziyo ukwenza, izinto oziphumeleleyo ezingundoqo namava onawo ngokunjalo neenjongo onazo zenkqubela-phambili.
- Umhla wokuvala ukungeniswa kwezicelo: nguLwesihlanu, 30 kweyoMqungu 2014.

## Yintoni oza kuyizuza?

- Ngamava omsebenzi kwincandelo likarhulumente
- Ziireferensi ezintsha zeCV yakho ezinokuqhagamsheleka
- Uluhlu lwezakhono namava aza kuthi akwenze ufunwe macal' onke
- Unyaka wonke oza kuthi ukwazi ukuthatha isigqibo sokuba ufuna ukulandela eliphi ikhondo lenkqubela-phambili ngokunjalo wazi nabantu abokuthi bakuncede

## Ukongeza:

- Ungaphucula iziphumo zakho zeNSC ukuze wandise amathuba okwamkelwa kwakho eyunivesithi/kwiKholeji zeFET
- Ungafumana ibhasari yokufundela izifundo ozikhethileyo zenkqubela-phambili yakho

## Iingcebiso zokwenza isicelo:

- Ukuba awunayo idilesi ye-imeyili, yenze ngokukhawuleza. Uza kuyidinga ukuze wenze isicelo.
- Kumele uyibhalisele kuqala phambi kokuba wenze isicelo.
- Emva kokuyibhalisela ngempumelelo, uza kufumana igama lomsebenzisi (username) kunye nephasiwedi (password).
- Kufuneka usebenzise igama lomsebenzisi nephasiwedi ukuze ungene kwaye ugcwalise isicelo sakho.
- Nceda ugcine iingcombolo zakho zokungena eziligama lomsebenzisi nephasiwedi kwindawo ekhuselekileyo ukuze ukwazi ukuzifumana lula xa uzidinga.
- Yiya kwithala leencwadi elikufutshane nawe eline-intanethi.
- Yiya kwiZiko leeNkonzo zeThusong (iThusong Service Centre) elikufutshane nawe uze ubuze ukuba banayo na i-intanethi.

## Ngeenkcukacha ezithe vetshe yiya ku-:

http://www.westerncape.gov.za/PAY okanye utsalele umnxeba iZiko loQhagamshelwano loRhulumente weNtshona Koloni: 0860 142 142 okanye i-Ofisi yePAY: 021 483 0743/4 ngamaxesha omsebenzi.